



INDLELA YOKUKHUTSHWA KWEZATIFIKETI NGE KHOMPYUTHA NGEEMVELISO EZITHUNYELWA KUMANYE AMAZWE (ECOS)

Imibuzo Exhaphakileyo (FAQs)

1. Yintoni i ECOS?

i ECOS ligumbi lokugcina ngokukhuselekileyo kwi khompyutha, nelisebenzisa uthungelwanokulawulolweemveliso esizithunyelwakumanyeamazwengekhompyutha. Le ndlela yoku kusebenza, yaasungulwa nguRhulumente weNtshona Koloni yaye isetyenziswa nguye kuphela. Yenzelwe ukunceda kurhwebo ngelokuqinisekisa ukuba ligcinwe ndawo-nye lonke ulwazi olungokuthobela imithetho engokuthumela iimveliso kumanye amazwe, lwazi olo lukhangelwa ze lufumaneke kalula nolubhalwe ngokucokisiweyo.

Le (ECOS) izakuba yinxalenye ye Ndawo Eyodwa neyeyokulungiselela urhwebo oluvumela ukuba amalungu arhwebayo nalawo akwezothutho afake ulwazi kunye namaxwebhu asemgangathweni, nje ngokucofa iqhosha elithile ze ufezekise ngokomthetho zonke iimfuno ezingokweemveliso ezivela, nesizithumela kumanye amazwe kwakunye noko kuthuthwayo, nalapho kufuneka iinkcukacha zolwazi lomntu ngamnye zifakwe ngokwekhompyutha kubekanye kuphela.

2. Kutheni ukuze iSebe leZolimo eNtshona Koloni (WCDoA) lisungule i ECOS?

Ngenxa yendawo elimi kuyo ilizwe loMzantsi Afrika kunye nembali yalo, sinothotho lweemveliso ezahlukeneyo, imizi-mveliso kunye neendlela zokwenza iimveliso. Sinalo noninzi lweentlobo-ntlobo zokutya kunye neendlela zokuthunyelwa kwempahla ngokusemthethweni, nangokusebenzisa amagunya ohlukeneyo (>6 kwezenkolo, kurhulumente namaziko agunyazisiweyo) kwa namagunya anemisebenzi efanayo nanjengokuba kumaxesha amaninzi sisebenza ngeemveliso ezifanayo kwiindawo ezikwafana. Ngenxa yezifo ezingapheliyo, ubutyebi ngeenyamakazi zasendle kunye nokulawulwa kwempilo yeenyamakazi, kufuneka sibenendlela esizakuyisebenzisa nezakukuthintela umngcipheko wezifo kunye norhwebo ngeemveliso zeenyamakazi namanye amazwe. Ngoku kufuneka sigxile kurhwebo ngeemveliso zezorhwebo kunye nokwahlula-hlula ukuba sisafuna ukuhlala sililizwe ekusajongwe kulo ngamanye amazwe ngokurhweba ngeemveliso zeenyamakazi.

Ilizwe lo Mzantsi Afrika lisaxakeke yi projekthi ekuthiwa yi LITSSA (ukuphawulwa kwemfuyo nendlela yokulandela umkhondo wayo kuMzantsi Afrika) neyahlulwe yangamacandelo amabini.

A. Ukuphawula kunye nendlela yokukhangelwa kwe nkomo (ngoku) kwa sekuzalweni de iye esilarheni sokuxhelwa.

B. Ukuphawula kunye neendlela zokukhangelwa kweemveliso eziphuma esilarheni



zithunyelwa kumanye amazwe okanye kwintengiso.

Nanjengokuba sinemizi-mveliso engaphezulu kwe 160 kuthumelo lweemveliso kumanye amazwe, kunye namava okusebenza ngeemveliso ezininzi nezahlukeneyo kwakunye namashishini athumela kumanye amazwe, Intshona Koloni isungule ze yabanguVulindlela we ECOS. Sinethemba lokuba le ECOS izakusetyenziswa leli lizwe liphela ekuhlanganiseni nakwiimveliso zeenyamakazi.

Okwangoku, ilizwe loMzantsi Afrika alikabinayo indlela esebenza ngekhompyutha, nelandelela ukuhanjiswa kwemveliso yeenyamakazi, nezithunyelwa kumanye amazwe nangokuhambisana nemigaqo yoMbutho wezeMpilo Yezilwanyana (OIE) kunye noMbutho wezoKutya neZolimo (FAO) kwiZizwe Ezimanyeneyo.

Indlela yolawulo lweenkcukacha zolwazi ngekhompyutha neyi “Export Certificate Office System” (ECOS) –nesungulwe nguRhulumente weNtshona Koloni, izakuzilungisa zonke ezi ziphene ze iqulunqe neqonga elixhasa ukufikelela kwiimarike kunye nokuqinisekiswa kwempahla ethunyelwa kumanye amazwe, ngokuhambisana nemigangatho ekwiilabathi.

Ilizwe loMzantsi Afrika linenkqubo eyi “Ecert” neyiyeyokukhupha isiqinisekiso esishicilelweyo ngekhompyutha neqhakamshelwe kweyona injini ze i ECOS “ithethe” nehlabathi liphela ngokusebenzisa olo qhakamshelwano ngelokwenza indlela ethi zibonwe ngayo iimveliso zelizwe loMzantsi Afrika.

3. Yintoni ingenelo/ iinjongo nge ECOS?

Ingenelo/iinjongo ze ECOS ku:

- Kwenza lula nokukhawulezisa indlela yokudluliswa komthwalo kwa sekuqaleni kwenkqubo okanye kwindawo apho ilawulwa khona
- Kukuphawula ngokuchanileyo umthwalo ose uqinisekisiwe kunye nabantu aba bandakanyeka ekwenzeni nokukhutshwa kwesicelo
- Kukulungiselela ilizwe elamkela impahla esiyithumeleyo ukuba likwazi ukuqinisekisa ngobunyani besatifiketi
- Kukucutha amathuba obuqhophololo obunokwenzeka.

4. Ingaba iphele nje ekuthunyelweni kwemveliso zeenyamakazi kumanye amazwe?

Okona kugxilwe kuko yimfuyo kunye neemveliso eziphuma kwiinyamakazi. Nanjengokuba le ndlela siyisebenzisayo yenziwe ukuba ilungele zonke iimeko, isebenzisa nkqu neekhowudi zendlela elungelelana nombutho wezorhwebo kumazwe-ngamazwe.

5. Ingaba le ndlela siyisebenzisayo iphelele na apha kwiNtshona Koloni?

iNtshona Koloni inguvul’indlela wale nkqubo kodwa yona ivulelekile kuwo onke amaphondo ukuba angayisebenzisa, kuMzantsi Afrika.



6. Ingaba iyakuthelela ifuthe lemiphumela enjani kumafama emfuyo?

Ilizwe loMzantsi Afrika lenza utyalo-mali kwindlela yokuphawula imfuyo nendlela yokulandela umkhondo wayo nelanda umkhondo kwasekuzalweni de ifikelele kwisilarha sokuxhelwa kwayo.

Kulo msebenzi, ixabiso le ECOS kukugcina umkhondo wendawo apho imfuyo ikho khona, kwixesha lokuxhelwa de kufikelele kwizigaba ezahlekeneyo zokulungiswa nokusetyenzwa kwenyama ibe kwezinye izimo.

7. Avumelekile amashishini asemancinane ukuba ayisebenzise le nkqubo?

Oku kwenzelwe abavelisi bokutya kunamafama. Ezifama, isebenza xa befuna ukuthumela iimveliso zabo kumanye amazwe ngokwabo, umzekelo, ubisi. Amashishini asemancinci kulungiso nokutshintshwa kwesimo senyama, nawo avumelekile ukuba angayisebenzisa le nkqubo. Azakuxhamla ngokuthi azazi iimarike ezinganomdla kwiimveliso zawo ze aqaphele iimfuno ekufuneka ezifezile ukuze akwazi ukungena kwezo marike.

8. Umntu anganena njani kule nkqubo?

Ungangena kwi webhusayithi yethu ethi www.elsenburg.com ze ukhangele u ECOS ofumaneka phantsi kweNkonzo Zonyango Lwemfuyo. Uze ungalibali ukungena kwisikhululo se “You Tube”, phantsi kwe “Western Cape Department of Agriculture” ze ubukele kwi “[ECOS playlist](#)” ekuncedeni abantu ukuze bayithyuthya-thyuthye.

9. Ngoobani abona bathathi-nxaxheba abakule nkqubo?

Kususela kwasekuqaleni kwale nkqubo, samisela ikomiti eyenziwa ngamalungu aphuma kwiinkalo ezahlukeneyo. Le komiti iquke abameli kwezobugcisa nabaphuma kwiSebe leZempilo kuZwelonke, Igunya Lolawulo Kubalulo Lweenkcukacha ezinyanzelekileyo kuZwelonke, iSebe leZolimo, Uphuhliso Lwasemaphandleni neNkqubo Yokubuyiswa koMhlaba Eluntwini, iinkonzo zabahloli kunye neenkonzo zonyango lwemfuyo, iBhodi Elawula Ukuthunyelwa kweMveliso Ezonakalayo kumanye amazwe, CSIR, amagosa ethu akwizikhululo zokubhalisa iimveliso eziphawulwe ZA kwezithunyelwa kumanye amazwe kunye namashishini ethu athumela iimveliso kumanye amazwe.

10. Umntu angalufumana phi ulwazi olongezelekileyo ngale nkqubo?

Ngolwazi olongezelekileyo nge ECOS nangezinye iinkonzo ezininzi ezinikelwa liSebe leZolimo eNtshona Koloni, ngena kwi webhusayithi yethu ethi: : www.elsenburg.com . Uze ungalibali ukungena kwisikhululo kwi “You” Tube ye “Western Cape Department of Agriculture” ze ugqale kwi “[ECOS playlist](#)” ekuncedeni abantu ukuze bayithyuthya-thyuthye.